## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 YiKwaito√/iHouse√/iRnB√/iHip-hop√/iAfro-Jazz√/Igospile√/ iMaskhandi √/iBlues√/umculo wekwayara√/i-opera√.

[Nasiphi na isibini kwezi] (2)

1.1.2 Lulutsha√. (1)

1.1.3 Abantu abatsha bajuxuza bezipetya, bezivonya ngendlela zonke eziziindidi zokujuxuza. √ (1)

1.1.4 Lil Wayne√/Keri Hilson√/Nicki Minaj√/Kanye West√/Drake√/Sean Kingston√.

[Nayiphi enye kwezi] (1)

1.1.5 Zisebenzisa amaxilongo neepiyano.√ (1)

1.1.6 ... ziyadika√/ziyakruqula√ (1)

1.1.7 C √/Zahara√ (1)

1.1.8 Kuphuhlisa iitalente zabo. √ (1)

1.1.9 (a) B√/Isolo√
(b) A√/Ukudlisela√ (2)

1.1.10 Kule mihla uyathandwa nalulutsha. √√ (2)

1.1.11 Kukubandakanya bonke abantu kwizigqibo ezithathwayo kolu khuphiswano√√/ukuqinisekisa ukuba akwenziwanga buqhinga ekuchongeni ukuze iziphumo zanelise wonke umntu√√/ ukukhuthaza abaphulaphuli ukuba bazimamele iinkqubo zoonomathotholo. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.1.12 Amakhosikazi athathe indawo ngobuninzi kumculo kwaye abalasele.√√ (2)

1.1.13 Ibonisa ukuba umculo wakhe uthandwa ngabantu abaninzi. √√ (2)

1.1.14 Lolokuba umculo ubalulekile ebomini/umculo ungena kwaye ulunga kuzo zonke iindidi zabantu.√√ (2)

1.1.15 Yinyani, kungavuleleka amathuba emisebenzi kubekho ingeniso yerhafu kutsho kuphucuke nomgangatho wentlalo yabantu. √√

**OKANYE**

Asiyonyani, kuba kukho abantu abathengisa umculo weemvumi zeli bengenalungelo lokupapasha ngokuwukopa. √√ (2)

1.1.16 ... ingcinga enye esoloko isetyenziswa xa kuthethwa ngento ethile.√√ (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 NguZapiro. √ (1)

1.2.2 Yiselfowuni. √ (1)

1.2.3 Bakhangeleka bothukile, bemangalisiwe. √ (1)

1.2.4 Ujonge ecaleni, akamjonganga lo uculayo.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

## UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Izohlwayo:

  - Xa umlingwa engabhalanga isishwankathelo ngemo elindelekileyo, uza kunyityelwa amanqaku ngokuthabatha inqaku libe linye kumanqaku ewonke anikiweyo.

  - Xa umlingwa ecaphule **izivakalisi ezipheleleyo** ngobunjalo bazo, kuya kuthatyathwa amanqaku ngolu hlobo:

    - 1–3 izivakalisi: akuthatyathwa manqaku**.**
    - 4–5 izivakalisi: thabatha 1 inqaku.
    - 6–7 izivakalisi: thabatha 2 amanqaku.

  - Kwiziphene zolwimi (upelo, iziphumlisi negrama): thabatha kumanqaku amathathu abelwe ulwimi ngolu hlobo:

    - Iziphene ukusuka ku-0–4 akuthatyathwa manqaku.
    - Iziphene ezi-5–10 thabatha inqaku eli-1.
    - Iziphene ezi-11–15 thabatha amanqaku ama-2.
    - Iziphene ezi-16 nangaphezulu thabatha amanqaku ama-3.

  - Ukuthintela ukuba umvavanywa angafumani amanqaku amaninzi kulwimi ngaphezu kwawesishwankathelo, amanqaku olwimi makabiwe ngolu hlobo lulandelayo:-

    - Inqaku eli-1 lolwimi malinikwe ngengongoma e-1 ukuya kwezi-3 ezichanekileyo.
    - Amanqaku ama-2 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-4 ukuya kwezi-5 ezichanekileyo.
    - Amanqaku ama-3 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-6 ukuya kwezi-7 ezichanekileyo.

  - Thabatha inqaku elinye kumanqaku ewonke owanikileyo kwiingongoma nokusetyenziswa kolwimi xa kungabhalwanga okanye kubhalwe inani elingelilo lamagama esishwankathelo.

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronimi mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

Nanga amanyathelo ekufuneka uwalandele xa ushwankathela:

- Nyathela kwiingongoma eziphambili usebenzisa awakho amazwi.
- Shwankathela ngeengongoma ezisixhenxe.
- Shwankathela ngamagama angadlulanga kuma-60.
- Sebenzisa ulwimi olusulungekileyo.
- Bhala usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.
- Upelo, iziphumlisi, ulwahlulo lwamagama malujongwe.

1. Kumazwe ase-Afrika nakumazwe ehlabathi umculo ungumbhobho wokukhupha izimvo, iimvakalelo namava.

2. Unxibelelanisa umntu naloo nto ayikhonzayo.

3. Kwilizwe le-Afrika ziziintlobo ngeentlobo iingoma eziculwa kuncediswa ngezixhobo zomculo.

4. Kwilizwe laseGhana umculo uziintlobo ezintathu.

5. Kukho umculo olawulwa ziinowuthsi, nowokonwabisa nodaniselwayo.

6. Kukho uhlobo lomculo owenziwa ziingoma zakwaNtu nezamaqhalo.

7. Kukho umculo oculwa ngemisitho yokukhumbula amaxesha athile ebomini bomntu.

**QAPHELA:**

- **Imo:**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- **Ubalo-magama**

    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.

Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

## UMBUZO 3

3.1 Icwecwe likaZahara√/Umculo kaZahara√

[Nayiphi na kwezi] (1)

3.2 'Eyona mvumi yonyaka'. √ (1)

3.3 Ususa isithukuthezi.√
Uyakuphakamisa ukwazi ukumelana nemingeni yosuku. √ (2)

3.4 'Musa ukulinda yithi hlasi elakho icwecwe ulonwabele!!!' √ (1)

3.5 B Ikatala√/B√/Ikatala√ (1)

3.6 Uluncedo kuba abathengi babona wona ukuze bathenge lo mculo wakhe. √√ (2)

3.7 Endaweni yegama, 'isithukuthezi'. √ (1)

3.8 Owolonwabo.√ (1)
**[10]**

## UMBUZO 4

4.1 B njengesihlanganisi√/B√/njengesihlanganisi.√

[Nayiphi na kwezi] (1)

4.2 Ukugxininisa.√ (1)

4.3 Yikatala.√ (1)

4.4 Ngumntu A.√ (1)

4.5 ... ethambekele calanye.√√ (2)

4.6 Ndiyangqinelana. Xa kudlalwa umculo usebenza, awuwuva umsebenzi.√√

**OKANYE**

Andingqinelani. Umculo uyaphazamisa xa kusetyenzwa√√/uyalibazisa.√√ (2)

4.7 Buyela√, ixesha langoku.√ (2)
**[10]**

**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Yimvumi√ | (1) |
| | 5.1.2 | Simfumene. √ | (1) |
| | 5.1.3 | Edumileyo – liyachaza√ | |
| | | Kwamnandi – licacisa isenzi√ | (2) |
| | 5.1.4 | *UJonathan Butler* kwingoma yakhe ethi, '*Be here with you*', uculisa *uAngie Stone*. √ | (1) |
| | 5.1.5 | ingodakumbo√/ingotyhafo√ | |
| | | [Nayiphi na kwezi] | (1) |
| | 5.1.6 | ... lonji√/mculi.√ | (1) |
| | 5.1.7 | Waye wayimvumi ezimeleyo, eyaziwayo.√√ | (2) |
| | 5.1.8 | ... kubalandeli bakhe√ u√yesuka emva komkhusane u√ya emehlweni abantu. | (3) |
| | 5.1.9 | Sibonisa into enakho ukwenzeka.√ | (1) |
| | 5.1.10 | I-Afro-fusion ayibonisi buchule bukaFundile.√ | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | Ezi.√ | (1) |
| | 5.2.2 | Kulwimi lwesiNgesi√/kwisiNgesi√/esiNgesini√ | |
| | | [Nayiphi na kwezi] | (1) |
| | 5.2.3 | Culani kakhulu.√ | (1) |
| | 5.2.4 | Iimvumi zonwabisa abantu. √ | (1) |
| | 5.2.5 | C√/Isibaxo√ | (1) |
| | 5.2.6 | Lisebenze njengenjongosenzi. √ | (1) **[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**